Inguqulelo yesiXhosa

MUNTAKHAB AHADITH

100 yeeHadith malunga ne Dawa kunye neTableegh

Uguqulelo luququzelelwe ngu Moulana Muhsin Mbotoli

AL HIDAYAH CENTRE
EASTERN CAPE

Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith Incwadi malunga ne Dawa kunye neTableegh).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2024

ISBN:
978-0-7961-9135-9 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:
https://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-ne-dawa/

Ipapashwe yi:
Al Hidayah Centre, Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

“Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko.”
(Quran 14:4)

Iziqulatho

Imbulambethe by 1 1
Imbulambethe by 2 3
Imbulambethe by 3 5
Uphawula komGuquli 6
Dawa ne Tableegh..... 7

Imbulambethe by 1

Iindumiso zonke zezika Allah, iNkosi yamahlabathi onke. Iinceba ezikhethekileyo kunye noxolo inga zingakulowo wathunyelwa njengenceba ehlabathini.

Ngelixesha abanye abantu beshiya ngasemva ilifa elizizinto ezibambekayo elithi lifunyanwe ziindla lifa lakhe, bona abaProfethi baka Allah bona ilifa abalishiyayo yalilulwazi lwenkolo. Kengoko iinfundimani (scholars) ze Islam ziziindla lifa zabaProfethi; zona zifumane ilifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Yena washiya ngasemva incwadi ka -Allah (Quran) kunye neSunnah Yona ithe yagcinwa ikhuselekile ngokuthi ingulowo nalowo ethe wayigqithisela omnye okubizwa ngokua yiHadith. ISunnah iquka zonke izinto ezathi zenziwa okanye zathethwa nguRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam zathi zaqwalwaselwa kwaye zagcinwa khuselekileyo ngamaqabane akhe ahloniphekileyo (RadhiaAllahu Anhum). Ezinye zezo zinto zagcinwa ngexesha lakhe esaphila ezinye emva kokusweleka kwakhe. Ngokuye Ixesha lihamba iincwadi eziqulathe i-Ahadith zathi zapapashwa. Kwasetyenzwa nzima ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe, kufundisisiswe kuvavanywe zonke ezizinto zexabiso ezililifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kungenxa yalo misebenzi inzima eyabangela ukuba namhlanje sibe sisenalo lucwengile olu lwazi lwenkolo. I-Ulama zeHadith emva kwexesha zaya zazenza amanqanaba khona ukuze kuzo balula xa ufuna ukwenza isalathiso.

Namhlanje zininzi iingqokelela ezibhaliweyo, kodwa uninzi lubhalwe ngesi Arabu, nto leyo efuna ukuba umntu ayacacisisise into eyithethayo. Alhamdulillah kwiminyaka embalwa egqithileyo ii-Ulama ezingaphumi kumazwe ama Arabu athi aqalisa ukuguqulela ezi Ahadith kwiilwimi ezahlukeneyo kwihlabathi liphela, khona ukuze Eli lifa lihlale lifumaneka.

Al-Muntakhab yenye yezo ncwadi egxininisa kakhulu kwezi khwalithi ziyi 6 ezazifumaneka ngamandla kumaqabane kaRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kuyinto entle ukuba umntu ayifunde ekhayeni lakhe. Kuba iqulathe I Ahadith ezikhuthaza ukwenziwa kwemisebenzi emihle kwaye icacisa nangomvuzo owufumanayo Ngokwenza oko, enye incwadi ekukhuthazwa ukuba ifundwe yiRiyaadhus Saliheen ka Imaam Nawawi rahimahullah. Ngokwenza njalo uyakufumana ulwazi oluphangaleleyo lokuba ulwazi luxanduva onalo njenge Muslim, kwaye nokumkhuthaza ukuba azenze izinto

ngokwe Sunnah. Umntu kufuneka ayibulele imisebenzi enje kuquka nezo ziguqulelwe kwezinye iilwimi. Nasekubeni ikhangelela ilula xa sele igqityiwe ukuguqulwa kodwa kungumsebenzi onzima ofuna ukuba umise ingqondo xa uwenza. Oku akungomsenzi mncinane kuba kaloku lowo uguqulayo uye abe ngumhambisi womyalezo ka Nabi Muhammad Sallallahu alaihi wa sallam.

Kubalulekile ukuba sibulele i-Al Hidayah Centre neqela layo ngokuthi izame ukuguqula ezimfundiso zexabiso zenkolo ye Islam, khona ukuze zizokufikelela kwiintlanga ezahlukeneyo zase Mzantsi Afrika ezikunxanelweyo ukwazi ngenkolo ye Islam. Le nguqulelo siyathemba ukuba iyakuba luncedo apha ehlabathini kwaye iyakuhlala ingumthombo ompompozayo kwixa elizayo kwabo bathathe lo msebenzi mkhulu kangaka, wokugula amazwi woMprofethi wethu esimthandayo Sallallahu alaihi wa sallam.

Le nguqulelo nolupapasho ngaphandle kwamathandabuzo iyakuba yinzuzo enkulu kwabo bathetha ulwimi lwesixhosa. Inga u-Allah angabavuza bonke abo bathe benza oku kube yimpumelelo kwaye kube yinkuthazo nakwabanye abantu ehlabathini.

Moulana Junaid Adam

Ameer | Council of Ulama Eastern Cape, Port Elizabeth, Suid-Afrika

Imbulambethe by 2

I Islam yafika eAfrika phambi kokuba ifike eMadinah.

Iqela lamaMuslim okuqala lathunyelwa e Abyssinia ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi makayocela igwiba lokhuselo kwikumkani enobulungisa yase Afrika. Leyo yinyani engangxengwanga yezembali.

Kwiinkulungwane eziliqela emva koko i-Islam yanwenwa ngokukhawuleza kwizwekazi lase Afrika, kwimilibo eyahlukeneyo emithathu: ngaseNtshona uyokufikelela eMantla eAfrika, ukusukela apho yehla yazo kufikelela eSahara kanti nokuhla uyokutsho kunxweme lwaseMpuma lweZwekazi kuyokuqhagamishela apho namhlanje kukho iMozambique.

Oko kunwenwa kwenzeka ngaxesha linye nokufika kuka Da Gama eCape of Good Hope, njalo yaba sisiqalo sokufika kobuKoloniyali base Yurophu.

Ngokufika kwabo kwanqumama ukunwenwa kwe Islam kwezinye iingingqi, ngenxa yezigalo namandla obuKoloniyali.

Kodwa nasekubeni kunjalo isigqibo sikaAllah asokuze sijikwe mntu okanye nto. Ngeendlela ezingalindelekanga u-Allah wenza ukufuduswa ngenkani kwamaMuslim ukusuka eMpuma Ekude yaba yindlela i-Islam efikelela ngayo kwiNcam yeAfrika. Kunye nesiqalo sayo kumthunzi we Ntaba Yetafile yase Kapa, Yakhula ngokukhawuleza okukhulu ekuthambekeni kwinkulungwane ye 18 nasekuqaleni kwenkulungwane ye 19 nto leyo yabangela inkxalabo kwiCawa nakwiNkampani.

Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo okokuhluma kwamaMuslim kweza nemilo yangaphakathi. Elo themba likhulu lokuhluma lagutyungelwa lusukuzwano, njalo abe amandla okuya phambili. Endaweni yokuba amaMuslim abheke phambili, amaMishinari aseYurophu alenyusa izinga lawo kancinci ada azokufikelela eMazantsi eAfrika.

Ngoku ixesha lifikile lokuba sicholachola apho kwashiywa khona kuyiwe phambili. Siyathemba ukuba le ncwadi ineengqokelela ze Ahadith zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iguqulelwe esixhoseni, iyakunika

inkxaso ekuvaleni isikhewu esivulekileyo ngenxa yamathuba esiphulukene nawo okuhambisa inkolo ye Islam, nokuvala ezo mbobo zikhokelele ekuphulukaneni kwalo mathuba.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi kwaye awusikelele.

Mufti M Taha Karaan *rahimahullah*

Prinsipaal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, Suid-Afrika

Imbulambethe by 3

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alaihi wa sallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 112 malunga nokulunga komthandazo kwiihadith zikaNabi sallallahu alaihi wa sallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha ne Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alaihi wa sallam, Aameen.

Moulana Ahmed E Mahomedy

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni ethe tye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo. Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo siyayifumana khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga ne Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 100 malunga nokubizela abantu ku- Allah Ta'ala kunye nokuhambisa umyalezo waKhe (Dawa and Tabligh) iyakuba luncedo kwabo bafuna ukwazi ngokubaluleka kokubizela abantu ku-Allah Ta'ala, ingakumbi kwabo bantu banomdla wokubizela abantu ku-Allah Ta'ala Omnye. Ngoku abantu bazokutsho bafumane ulwazi oluphangaleleyo ngokubaluleka kokubizela abantu ku-Allah Ta'ala kunye nezilumkiso kwabo bangayenziyo lonto (ubizela abantu ku- Allah Ta'ala ngamazwi e- Ahadith nqo).

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo kuthi nakubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo ukwenza oku. Aameen

Moulana Muhsin Mbotoli

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

Dawa ne Tableegh

1. **U-Muawiyah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “NdinguMthunywa nje ka-Allah, u-Allah nguYe yedwa Okhokelayo. Mna ndingumsasazi, u-Allah nguYe kuphela umnikezeli (wolwazi).” *(Tabarani, Jami-us-Sagheer)*

2. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kumalume wakhe u-Abu Talib (phambi kokuba asweleke), “Ithi *Laa ilaaha illallah* (Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah), Ndizakuba lingqina lakho ngemini yomgwebo.” Yena wathi, “Ukuba amaQuraysh ebengazohlekisa ngam esithi ndibangelwa luloyiko lokufa ndifunda lo magama nje, inene bendizakupholisa amehlo wakho ngokuthi ndifunde lo magama. Ngelothuba u-Allah wathumela ezi vesi, inene, angeze ukwazi ukukhokelela endleleni eyiyo lowo umthandayo. U-Allah nguye okhokelayo lowo athande umkhokela.” *(Muslim)*

3. **U-Aishah** radhiallahu anha uchaza ukuba ngathuba lithile uHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu watyelela umhlobo wakhe wexesha lokungazi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Wathi wakumbona wathi kuye, “Hini na yise kaQasim! Akubonakali kwiindibano zabantu bakho, kwaye bakutyhola ngokuba wena ufumana izipheme kokhokho babo.” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi, “Inene ndingumthunywa ka-Allah, Mna ndikubizela ku-Allah.” Ngoko nangoko egqiba nje ukuthetha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam u-Abu Bakr radhiallahu anhu wathi womkela i-Islam. Ngexesha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ebuya (ku-Abu Bakr radhiallahu anhu), kwakungekho mntu phakathi kwezintaba zimbini zaseMakkah owayevuya ukogqitha yena ngokuthi u-Abu Bakr radhiallahu anhu omkele i-Islam. Emva koko yena u-Abu Bakr radhiallahu anhu waya ku Uthman ibn

Affan radhiallahu anhu, Talha ibn Ubaidullah, Zubair ibn Awwam kunye no-Sa'ad ibn Waqqas radhiallahu anhum. Bonke bomkela i-Islam. Kwisuku elilandelayo (u-Abu Bakr weza no-Uthman ibn Mazoon, Abu Ubaidah ibn Jarrah, Abdur Rahman ibn Auf, Abu Salama ibn Abdul Asad kunye no-Arqam ibni Arqam bonke nabo bomkela i-Islam radhiallahu anhum. *(Al Bidaya wan Nihaya)*

Qaphela: Qasim yayiligama lika likanyana ka-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam, kengoko Abul-Qasim yitayitile yakhe lonto yenzeka maxawambi ngokuthi umntu anxulunyaniswe nonyana wakhe okanye abazali bakhe.

4. **U-Asma binti Abu Bakr** radhiallahu anhuma uchaza ibali lokomkela i-Islam kuka-Abu Quhafa. Ngethuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam engena eMakkah (ngethuba ethabathela ulawulo lwaseMakkah) weza eMasjidul Haraam. U-Abu Bakr radhiallahu anhu weza ngaphamibli ebambe ngesandla utatawakhe. Wathi wakumbona uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, wathi kuye, "Kutheni ungayiyekanga ekhayeni lenkonde, kuba mna ngokwam bendizakuya kuyo?" U-Abu Bakr radhiallahu anhu waphendula wathi, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ilungelo lakhe lokwenene kukuba aze kuwe, hayi ibenguwe oya kuye." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wamyalela ukuba ahlale phambi kwakhe, wamphulula isifuba wakugqiba wathi kuye, "Yomkela i-Islam, naye wayomkela i-Islam." Ngethuba u-Abu Bakr radhiallahu anhu ezisa utatawakhe ku-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam, iinwele zazimhlophe ngokufana nomthi weThaghamah, kengoko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam makazidaye iinwele zakhe. *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma uz Zawaaid)*

Qaphela: Umthi weThaghamah, ngumthi omhlophe okwekhephu. *(Majma Bihaar ul Anwar)*

5. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba ngethuba u-Allah Ta'ala etyhila levesi, "Kananjalo lumkisa isizwe sakho nezizalwana ezisondeleyo (ngokuhlobana)." UNabi sallallahu alayhi wasallam wakhwela entabeni yeSafa wakhwaza ngelizwi eliphezulu, "Hini na bantu! Utshaba luzakuhlasela ngomsobomvu. Bonke abantu bangungelana kufutshane naye, abanye beza buqu abanye bathumela abameli babo." Emva koko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Hini na lusapho luka Abdul Mutallib, Hini na lusapho luka Fihr, Hini na hlanga oluthile noluthile! Ndixeleleni ukuba ndinixelela ngendaba zokuba kukho umkhosi emva kwale ntaba, olungele ukunihlasela, "Ingaba niyakundikholelwa na?" Ngazwi linye baphendula bathi, "Ewe!" Yena wathi, "Inene mna ndingumlumkisi wenu, malunga nesohlwayo phambi kokuba sifike." U-Abu Lahab wathi, "Inga ungatshabalala unaphakade? Ingaba ubusibizela lonto kuphela?" Kulapho u-Allah Ta'ala wathi watyhila leSurah, "Mazitshabalale zombini izandla zika Abu Lahab, (naye) atshabalale." *(Musnad Ahmad, Al Bidaya wan Nihaya)*

6. **U-Munib Al Azdi** radhiallahu anhu uchaza ukuba ngexesha lam lokungazi (phambi kokuba ndomkele i-Islam), Ndabona uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Hini na bantu! Yithani *Laa ilaaha illallah* nizakuphumelela. Abanye bamtshicela ebusweni, abanye bamgibisela ngomhlaba abanye bamxhaphaza kwade kwasemini maqanda." Ngelingeni kwafika intombazana iphethe isitya esinamanzi yamhlamba ubuso nezandla, wathi, "Ntombazana yam encinane! Musa ukuba noloyiko lokuba uzakubulawa utatawakho okanye ukuhlazwa kwakhe." Ndabuza ukuba, "Ngubani lentombazana?" Abantu baphendula bathi, "Lowo nguZainab radhiallahu anha, intombi kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Wayeyintonbi entle." *(Tabarani, Majma uz Zawaaid)*

7. **U-Muhammad Ibn Uthman Ibn Haushab** usichazela ukuba utatomkhulu wakhe radhiallahu anhu uthi wathi u-Allah ngethuba

esikelela uMuhammad ngolawulo, Ndathumela kuye iqela labakhweli bamahashi abangamashumi amane phantsi ko-Abdu Sharr. Bamnika ileta yam. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wambuza ukuba ungubani na igama lakhe? Waphendula wathi, "Abdu Sharr (isicakasobubi)." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Hayi, koko igama lakho ngu-Abdu Khair (isicaka sokulungileyo). uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wamthabathisa isifungo sentembeko kwi-Islam kwaye wathumela impendulo yeleta ku-Hawshab Zee Zulaim. Njalo wabe womkela i-islam uHawshab." *(Isabah)*

8. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Nawuphi na kuni obona okungalunganga kufuneka ekuguqule ngezandla zakhe; ukuba akakwazi ukwenza oko, kufuneka (akuguqule ngolwimi lwakhe); ukuba akakakwazi nokwenza oko, kufuneka (ekuguqule ngentliziyo yakhe elo lelona zinga liphantsi le-Imaan)." *(Muslim)*

9. **U-Numan Ibn Bashir** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Umzekelo womntu oyibambayo imithetho ka-Allah nemiqobo yaKhe nalowo ungenzi njalo, ufana nabo bantu benza amaqashiso khona ukuze bakhwele inqanawa. Abanye bakhwele umgangatho ongezantsi abanye kumgangatho ongasentla. Xa abo bakumgangatho osezantsi befuna amanzi, kufuneka begqithe kwabo bangasentla banamanzi." Bathi, "Masenzeni umngxunya kule ndawo sikuyo kwinqanawa siyeke ukusokolisa abo bangasentla kuthi. Kengoko abo bangasentla ukuba bayabavumela benze oko bakucebayo, bayakutshabalala bonke. Kanti ukuba bayabanqanda ngezandla zabo bayakukhuseleka babe bayasinda." *(Bukhari)*

10. **U-Urs Ibn Umairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Inene u-Allah akohlwayi bonke abantu ngenxa yeempazamo zabantu

abambalwa abangathobeliyo, kodwa xa kuthe abo bangathobeliyo baqhubekeka nokungathobeli, kwaye bona abo bathobelayo nasekubeni benawo amandla okubanqanda bangabanqndi, kulapho khona apho u-Allah ayalela ukuba batshatyalaliswe bonke, abo bathobelayo nabo bangathobeliyo." *(Tabarani, Majma uz Zawaaid)*

11. **U-Abu Bakrah** radhiallahu anhu uchaza ukuba (ekupheleni kwentetho yeHajj ngomhla weshumi kwinyanga yeZilhijjah eMina) uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ingaba ndiyihambisile na imiyalelo ka-Allah?" Sonke saphendula sathi, "Ewe." Yena sallallahu alayhi wasallam wathi, "Hini na Allah! Iba lingqina koku, emva koko wathi, Aba bakhoyo apha mabaxelele abo bangekhoyo apha; kuba inene kungenzeka ukuba abo banikwa lo myalelo ngabona bazakuyibamba (bazakuyiqonda, kwaye bazakuyikhumbulo ngcono kwaye bakhumbule ukuba kufuneka isetyenziswe njani kuquka iDawa ngaphezulu kunalowo ebehambisa lomyalelo)." *(Bukhari)*

12. **U-Hudhaifah Ibn Yaman** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ndifunga ngalowo ubomi bam busezandleni zaKhe, inene kufuneka niyalele okulungileyo ninqande okungalunganga okanye u-Allah uyakunithumelela isohlwayo; niyakucela kuYe kodwa akazosomkela isicelo senu." *(Tirmidhi)*

13. **U-Zainab Bint Jahsh** radhiallahu anha uchaza ukuba, Ndabuza, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ingaba sizakutshabalala na nasekubeni phakathi kwethu kukho abo bangamalungisa?" Yena waphendula wathi, "Ewe! Xa ububi buqatsele." *(Bukhari)*

14. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba umfana womJuda owayesebenzela uNabi sallallahu alayhi wasallah waye wagula. UNabi sallallahu wamtyelela wahlala kufutshane nentloko yakhe

wathi kuye, “Omkela i-Islam. Lo mfana wajonga kutata wakhe, owayehleli kufutshane naye.” Utata wakhe wathi, “Mthobele u-Abul Qasim. Njalo wabe womkela i-Islam.” Xa ephuma uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Iindumiso zonke zezika-Allah. Yena umsindisileyo esihogweni.” *(Bukhari)*

15. **U-Sahl Ibn Sa’d** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Inene, oku kulungileyo (inkolo ye-Islam) bubutyebi. Kwaye obubutyebi bunezitixo. Nika iindaba ezimnandi kweso sicaka (sika-Allah) u-Allah asenze sasisitixo sokulungileyo kwaye sibe liqhaga lobubi, Yeha kweso sicaka (sika-Allah) u-Allah asenze sasisitixo sobubi kwaye sibe liqhaga lokulungileyo.” *(Ibn Majah)*

16. **U-Jarir** radhiallahu anhu uthi, Ndakhalaza kuNabi sallallahu alayhi wasallam ngokuba andikwazi kakuhle ukukhwela ihashi. Yena wandiphulula isifuba ngesandla sakhe wathi, “Hini na Allah! Menze agqwese ekukhweleni (Ihashi), menze akwazi ukukhokelela abanye (abantu) kwindlela elungileyo kwaye umgcine kwindlela elungileyo.” *(Bukhari)*

17. **U-Abu Saeed** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Akukho namnye kuni ekufuneka ezidelele.” AmaSahaba radhiallahu anhum abuza, “Hini Rasoolullah sallallahu alaihi wa sallam! Umntu uzidelela njani?” Waphendula wathi, “Xa umntu ebona into emalunga no-Allah efuna ukuba athethe malunga nayo, kodwa angathethi-u-Allah uNkulunkulu uSomandla uzakumbuza ngemini yomgwebo: Yintoni na eyakunqandayo ukuba ungathethi ngalento naleya?” Yena uzakuphendula athi, “Ngenxa yokuba bendisoyika abantu (ukuba bazakuthini na).” Yena (u-Allah) uzakuthi, “Ngekungcono ukuba uboyike Mna kakhulu.” *(Ibn Majah)*

18. **U-Abdullah Ibn Masud** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ukuhla kwezinga lamaSirayeli kwenzeka ngokuthi lowo (Ulilungisa kubo xa edibana nalowo ungumoni) athi: Yoyika u-Allah, kwaye buyisa unyawo lwakho koko ukwenzayo, kuba akuvumelekanga. Kodwa xa edibana naye kwakhona kusuku olulandelayo (lowo ungumoni izenzo zakhe azange zimnqande lowo ulilungisa ukuba) atye kunye naye, asele naye nokuba ahlale naye. Kwathi kokwenzeka oko rhoqo u-Allah wenza iintliziyo zabo bobabini zafana (lowo ulilungisa kunye nalowo ungumoni).” Emva koko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wacengceleza le vesi, “Abo phakathi kwabantwana bakwaSirayeli baye bangakholwa baqalekiswa ngolwimi luka Davide no Yesu unyana kaMariya. Oko kwaba ngenxa yokuba basuka bangaMthobeli (u-Allah nabaThunywa baKhe) bahlala bethe gqolo ugabadela. Babenganqandani ekwenzeni izinto ezingalunganga ababezenza. Kubi ngenene oko babekwenza. Uya kubona uninzi lwabo bethabatha abangakholwayo bebenza abahlobo babo. Kungcolile ngenene oko kwenziwa ziziqu zabo. Ngenxa yoko ingqumbo ka-Allah yawa phezu kwabo, kananjalo baya kuhlala entuthumbeni ngonaphakade. Kanti ukuba bebekholiwe ku-Allah, nakuMthunywa (uMuhammad) nakoko kutyhiliweyo kuye, bebengekhe babathathe (abangakholwayo) babenze abahlobo babo kodwa uninzi lwabo ngabenzi bobubi.” *(Al Maaida 78-81)* Emva koko wayalela ukuba, “Inene ndiyafunga ngo-Allah, ukuba Yalelani okulungileyo nikunqande okungalunganga, kwaye kufuneka nibambe ngesandla umcinezeli nimzise enyanini.” *(Abu Dawood)*

19. **U-Abu Bakr Siddeeq** radhiallahu anhu wathi, “Hini na bantu!” Niyayicengceleza le vesi, “Hini na nina bakholwayo! Zilondolozeni iziqu zenu. Ukuba nilandela isikhokelo esilungileyo, Nithintele ukwenziwa kokungalunganga, akukho bubi bunokunehlela buvela kwabo basekulahlekeni.” Kwaye ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Inene xa

abantu bebona umcinezeli kodwa bangamnqandi, kusenokwenzeka u-Allah Abagubungele ngesohlwayo saKhe. *(Tirmidhi)*

QAPHELA: Le vesi ithetha ukuthi, "Hini na nina bakholwayo! Thathani ingqalelo yezo zinto zinokunihlambulula nina buqu; landela inkolo yakho ngokuthi ugxile kakhulu kwisiqu sakho, kodwa ngaxesha linye ungeyeki ukwenza imigudu kwabanye abantu. Ukuba umntu nasekubeni wenze imigudu yokumbonisa indlela, uyalahleka akuzofumana sohlwayo. *(Bayaanul Quran)*

20. **U-Hudhaifah** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Iintliziyo zizakufumana zigaxeleka kuvavanyo ngokufanayo nokolukwa kwemat umzi ngamnye. Nayiphi na intliziyo ethi izomkele ezi zilingo ifumana ibala elimnyama; kanti yona intliziyo ezikhabayo ezi zilingo ifumana ibala elimhlophe. Iziphumo kukuba kuzakubakho iindidi ezimbini (zeentliziyo) enye izakuba mhlophe okwe marble. Yona ayisayi konakala lisamile nje izulu nomhlaba. Kanti enye intliziyo yileyo imnyama inothuli okwengqayi equtyudiweyo - (intliziyo iba mnyama ngenxa yesono esininzi, njengokuba ingqayi equtyudiweyo kungakwazi kungena nto kuyo) ngokufanayo nabo (bazivumeleyo ukuba iintliziyo zabo zibe mnyama), abasayi kuba nentiyo yezono kwaye nokukhanya kwe–Imaan akusayi kuhlala kulo ntliziyo. Ayisayi kwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga, koko izakufuna ukholisa iinkanuko zayo." *(Muslim)*

21. **U-Abu Umayyah Shabani** rahimahullah uchaza ukuba wabuza u-Abu Thalabah Al Khushani radhiallahu anhu ukuba, "Hini na Abu Thalaba! Uthini malunga nale vesi (Khuselani iziqu zenu)?" Waphendula wathi, "Ndiyafunga ngo-Allah! Inene ubuze umntu owazi kakuhle malunga noku. Mna ndabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam malunga nale vesi." Yena waphendula wathi, "Yalelani omnye nomnye okulungileyo kwaye ninqande

okungalunganga, kude kufike ixesha apho uyakubona abo bavimbayo bethotyelwa, (abantu) belandela iinkanuko zabo, izinto zelihlabathi zibekwa phambili, umntu akholelwe kuluvo lwakhe ukuba lulo olulungileyo, xa kunjalo khusela isiqu sakho, ungahoyi izinto ezenziwa ngabanye abantu. Inene kuzakufika ixesha apho kuzakufuneka unyamezela xa ubambelele enkolweni, kuzakuba ngathi ubambe ilahla elishushu. Lowo uyakuthi enze okulungileyo (ngeloxesha) uyakufumana umvuzo wabantu abangamashumi amahlanu." U-Abu Thalaba wabuza wathi, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Umvuzo wabantu abangamashumi amahlanu (wabo benza okungalunganga kuchaziweyo)?" Yena (sallallahu alayhi wasallam) waphendula wathi, "Umvuzo wabantu abangamashumi amahlanu wenu." *(Abu Dawood)*

22. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, "Musani ukuhlala ecaleni kweendlela." AmaSahaba athi, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Kunzima ukukunqanda (ukuhlala ecaleni kwendlela), kuba sihlala apho kuba sixoxa ngezinto ngezinto." Yena waphendula wathi, "Ukuba aninayo enye indawo yokuhlala ningahlala, kodwa kufuneka niphumeze amalungelo endlela." AmaSahaba abuza, "Yintoni na amalungelo endlela? Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam!" Yena waphendula wathi, "Kukujonga phantsi, ukususa izinto ezibubungozi endleleni, uphendula iSalaam (xa ubuliswa), kunye nokuba uyalele okulungileyo kunye nokuba unqande okungalunganga." *(Bukhari)*

23. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza uku uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Akayiyo inxalenye yethu lowo ungenamfobe kulutsha kwethu,kwaye engenantlonipho kubantu abadala kwaye engakuyaleli okulungileyo kwaye engakunqandi okungalunganga." *(Tirmidhi)*

24. **U-Hudhaifah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Uvavanyo lwendoda lukwi zizalwana zayo, ebutyebini bayo, ebantwaneni bayo, kwimpahla yayo, kubamelwane bayo (olovavanyo) intlawulo yako koke oko esekuthandazeni, kwiSadaqa kunye nasekuyaleleni okulungileyo nokunqanda okungalunganga.” *(Bukhari)*

25. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “U-Allah Azza Wajall wayalela uGabrieli ukuba aqubude idolophu ethile kunye nabahlali bayo.” UGabriyeli alayhi salaam wathi, “Hini na Nkosi yam! Phakathi kwabo kukho isicaka sakho esithile esingazange singakuthobeli, nokuba kungangokuqhwanyaza kwemehlo.” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi, “U-Allah Sub-haanah waTa’ala wayalela uGabriyeli: Qubuda lo dolophu kuye nakubahlali bayo kuba azange kutshintshe nebala lobuso bakhe nokuba lixesha elincinane ngenxa yokuba ndingathotyelwa.” *(Mishkaat)*

26. **U-Durrah Bint Abi Lahab** radhiallahu anha uchaza ukuba indoda ethile yema phambi koNabi sallallahu alayhi wasallam ngethuba ehleli kwi mimbar yabuza, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ngowuphi oyena ungcono kubo bonke abantu?” Yena waphendula wathi, “Oyena mntu ungcono ngulowo ucengceleza iQuran kakhulu; kwaye emoyika u-Allah kakhulu kwaye eyalela okulungileyo kwaye enqanda okungalunganga kakhulu kwaye egcina amaqhina obudlelwane eluqilima.” *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

27. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wabhalela inkokheli yase-Persia uKisra, kunye nenkokheli yase Roma uQaisar kunye nakwi kumkani yaseTopiya uNajashi kunye nabanye oozwilakhe, eba memela ku-Allah. Lo Najjashi asinguye lo uNabi sallallahu alayhi wasallam wamenzela umthandazo womngcwabo.” *(Muslim)*

28. **U-Urs Ibn Umairah Al-Kindi** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Xa koniwe emhlabeni; lowo usibonayo eso sono kodwa angavumelani naso, uyakufana nalowo ebengekho apho. Kanti lowo ebengekho apho ngethuba kusenziwa eso sono kodwa avumelane naso, uzakufana nalowo ebekhona apho.” *(Abu Dawood)*

29. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Umzekeliso wam nani ufana nomntu olayita umlilo, amanundu nezinye izinambuzane ziqalisa ukuwela kulo mlilo. Yena uyazama ukuzinqanda ukuba zingaweli emlilweni. Ngokufanayo nam ndinibamba ezinqeni ndininqanda ukuba ningaweli emlilweni, kodwa nina niyabaleka ezandleni zam ([nizifaka emlilweni).” *(Muslim)*

30. **U-Abdullah** radhiallahu anhu uchaza ukuba isentsha kwinkumbulo yam ngokungathi ndijonge uNabi sallallahu alayhi wasallam ngethuba esichazela ngomThunywa wabanye abaThunywa. Abantu bakhe bambetha kakhulu wagcwala igazi, ngethuba ecoca igazi ebusweni wathi, “Hini na Allah! Baxolele abantu bam abayazi into abayenzayo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam naye wafumana amava anjalo kwisaganeko saseTaif ngemini ye Aqba.” *(Bukhari)*

31. **U-Hind Ibn Hala** radhiallahu anhu (ngethuba echaza iikhwalithi zikaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam) uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam waye nomvandedwa; ngalo lonke ixesha esoloko ecinga ekhathazekile; wayengenalo ulonwabo; wayechitha ithuba elide ethe cwaka wayethetha xa kuyimfuneko.” *(Tirmidhi)*

32. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba amaSahaba akhalaza athi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Asithuthumbisile amatolo (ohlanga) lwamaThaqif, kengoko

baqalekise." Wathi, "Hini Allah! Sikelela uhlanga lwamaThaqif ngokuthi ubabonise indlela (ethe tye)." *(Tirmidhi)*

33. **U-Abdullah ibn Amr Ibn Aas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wacengceleza ezi vesi zeQuran apho u-Allah Ta'ala achaza isikhungo (Dua) sika-Ibrahim alayhi salaam, "Hini na Nkosi yam! Inene ezizithixo zibalahlekisile abantu abaninzi. Kodwa lowo undilandelayo, lowo uyinxalenye yam. Kanti lowo ungandithobeliyo. Inene, Wena uyakuhlala unguMxoleli uSozinceba." *(Surah Ebrahim 36)* Kanti wathi wafunda nedua ka Yesu alayhi salaam apho athi, "Ukuba uyabohlwaya ngokuyinene bazizicaka zakho, kanti ukuba uyabaxolela wena unguSomandla, uSobulumko." *(Surah Al Maaida 118)* Emva koko waphakamisa izandla zakhe wathandaza wathi, "Hini na Allah! Abalandeli bam, Abalandeli bam watsho elila iinyembezi, U-Allah uSomandla uSobungangamsha wathi, "Hini na Gabriyeli! Yiya ku Muhammad, nasekubeni iNkosi yakho ingumazi wento zonke nasekubeni kunjalo, Mbuze ukuba ululiswa yintoni?" UGabriyeli weza kuye wambuza ukuba ululiswa yintoni. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waxelela uGabriyeli alayhi salaam (kungenxa yexhala malunga) nabalandeli bam. UGabriyeli alayhi salaam waya ku-Allah Ta'ala wayomxelela isizathu sokulila kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam nasekubeni kakade u-Allah Ta'ala unguMazi wento zonke. U-Allah Ta'ala wathi, "Hini na Gabriyeli! Yiya kuMuhammad uthi kuye, Inene sizakumvuyisa malunga ne-Ummah yakhe, asisayikumvisa kabuhlungu." *(Muslim)*

34. **U-Aishah** radhiallahu anha uchaza ukuba ngamini ithile wabona uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam onwabile, Mna (Aishah radhiallahu anha) ndathi, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndicelele ku-Allah." Yena wandicelela (wathi), "Hini na Allah! Xolela u-Aishah, zonke izono zakhe zexesha elidlulileyo nezexesha elizayo, izono eziyimfihlo nezono

ezisembonakalweni." Ekubeni eve oko u-Aisha radhiallahu anha wahleka kakhulu ngenxa yolonwabo yada intloko yakhe yachukumisa ithanga lakhe (lika-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam). URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ingaba uchulumancile na yiDua yam?" Waphendula ewe, "Njani ukuba ndingonwabi yiDua ondenzele yona!" Yena waphendula wathi, "Ndiyafunga ngo-Allah! Le dua yiDua endiyenzela i-Ummah yam kwimithandazo yonke." *(Bazzar, Majma uz Zawaaid)*

35. **U-Amr Ibn Auf** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Inene (inkolo) ye-Islam yaqala njengomntu wasemzini kwaye izakuphinde ikhangeleke njengomntu wasemzini. Nika iindaba ezimnandi kwabo bathatyathwa njengabantu basemzini, ngenxa yenkolo. Bona bazakuvuselela iSunnah yam eyakube yonakalisiwe ngabo beza emva kwam." *(Tirmidhi)*

36. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza wacelwa uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Qalekisa abo benza oomahlulelane. Yena wathi, "Andithunyelwanga njengalowo uqalekisayo; Inene ndithunyelwe njengenceba." *(Muslim)*

37. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Yenzani izinto lula musani ukuzenza izinto nzima. Thuthuzelani abantu kwaye musani ukuboyikisa (enkolweni)." *(Muslim)*

38. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo ubizela abantu kwindlela ethe tye, kwaye abantu benza njengokuba kunjalo (nasemva kokusweleka kwakhe). U-Allah uyakuqhubekeka emvuza ide ibe yimini yomgwebo, ngelo xesha u-Allah uzakumnika umvuzo wakhe opheleleyo ngemini yovuko." *(Musnad Ahmad)*

39. **U-Abu Masood Al Badri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo ukhokelela abantu kokulungileyo, umvuzo wakhe uyakufana nomvuzo walowo wenza (oko kulungileyo).” *(Abu Dawood)*

40. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo umemela kokulungileyo, umvuzo wakhe uzakulingana nowabo bamlandeleyo, ngaphandle kokuba unciphe owabo umvuzo. Kanti lowo umemela kokungalunganga, isono asifumanayo siyakulingana nesabo bathe bamlandela, ngaphandle kokuba zinciphe ezabo izono.” *(Muslim)*

41. **U-Alqama ibn Saeed** radhiallahu anhu uthi, URasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngaminazana (ithile) waye wasinika intshumayelo apho wayencoma khona iintlanga ezithile zamaMuslim emva koko wathi, “Yintoni na eyenziwa zezinye iintlanga, azibaqondisi abamelwane bazo ngenkolo kwaye azibafundisi, azibacebisi kwaye azibayaleli ngokulungileyo kwaye azibanqandi kokungalunganga. Kanti ingxaki yintoni na kwezinye iintlanga zona zingenzi mizamo yokuqonda inkolo yazo, azizami nokufunda inkolo kommelwane bazo kwaye aziwomkeli namacebiso. Ndiyafunga ngo –Allah! Ukuba abo (banako ukuqondisa nokufundsa kunye nokuyalela okulungileyo nokunqanda okungalunga kubamelwane babo) mabenze njalo. Kanti bona abanye abantu bona mabafunde ulwazi lwenkolo kubamelwane babo, benze imizamo yokuqonda inkolo kwaye bamkele iingcebiso. Ukuba akwenzeki oko, Ndizakubohlwaya kanobom kwelihlabathi. Emva koko wehla (epulu petheni). Abantu baqala ukubuzana ukuba ingaba ngoobani na aba ebethetha ngabo?” Abanye bathi, “Abo ngabantu bohlanga lwama –Ashari. Bona bayayazi i-Islam kanti bona abahlali basemaphandleni abakufutshane kunabo abazinto (nge-Islam). Ezo ntetho zayokufikelela kuhlanga lwama-Ashari.” Uhlanga

lwama-Ashari lweza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam lwathi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Uzincomile iintlanga ezithile kodwa wabonisa ukungakholiseki sithi. Yintoni isipheme sethu?” Yena waphendula wathi, “Abantu kufuneka bafundise abamelwane babo ulwazi lwenkolo, babacebise kwaye bayalele oko kulungileyo banqande oko kungalunganga. Bona abanye abantu kufuneka bafune ulwazi kommelwane babo bafune iingcebiso kubo kwaye babengabantu abayiqondayo inkolo.” Ukuba abenzi njalo, Ndizakubohlwaya bonke kanobom kwelihlabathi Uhlanga lwama-Ashari lwathi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ingaba kufuneka sibaqondisile kusini na nabanye (Ngokwenye inkcazelo): Ingaba sizakohlwaywa kusini na ngenxa yokungaqondi kwabo?” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayiphinda kwakhona ingxelo yakhe. Nabo babuza kwakhona ukuba, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ingaba kuyimfuneko ukuba sibenze bande nabanye (abantu) kusini na, “Ngokwenye inkcazelo: Ingaba nathi sizakohlwaywa kusini na ngenxa yokungaqondi kwabanye abantu?” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayiphinda intetho yakhe (ebeyithethile). (Akuva oku) Ama-Ashari athi, “Sinike unyaka ubemnye khona ukuze sizokwenza lo msebenzi. Yena uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabanika unyaka ukuba baqondise ngenkolo (kubamelwane babo), nokuba babafundise kunye nokuba babanike iingcebiso. Emva koko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wacengceleza le vesi yeQuran, Aqalekiswa lo maSirayeli athi amphika uDawood alayhi salaam kunye no-Isaa alayhi salaam unyana kaMaaryam. Azange bathobele kwaye baqhubekeka begabadela, kwaye azange banqandane ekwenzeni (oko kungalunganga). Inene oko yayibububi kwicala labo (ukuba benganqandani).” *(Tabarani, Targheeb)*

42. **U-Usamah Ibn Zaid** radhiallahu anhuma uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Umntu

uzakuziswa (ngaphambili) ngemini yovuko aphoswe esiHogweni, amathumbu azakuphuma ngaphandle emlilweni, lo mntu uzakujikeleza (nalo mathumbu) njengokuba isenza idonki kwilitye lokugraya." Abantu basesiHogweni bazakungungelana kuye bambuze, "Hini na wena nawe, kwenzeke ntoni kuwe? Ingaba ibingenguwe na obesiyalela okulungileyo kwaye esinqanda kokungalunganga?" Yena uzakuphendula athi, "Bendiniyalela oko kulungileyo kodwa ndingakwenzi mna buqu. kwaye bendininqanda kokungalunganga, kodwa ndabe mna ndikwenza (oko kungalunganga)." *(Bukhari)*

43. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ndagqitha ngobusuku bonyuko Mi'raj kubantu ebabesikwa imilebe ngezikere zomlilo." Ndabuza kuGabriyeli alayhi salaam, "Ngobani aba?" Wandixelela ukuba, "Abo zizithethi zenkolo kubantu basemhlabeni, abo bebeyalela abanye abantu ukuba benze okulungileyo kodwa bazilibala ezabo iziqu, nasekubeni beyifundile incwadi ka-Allah. Ingaba abanangqondo na?" *(Musnad Ahmad)*

44. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Inene ndagrogriswa endleleni ka-Allah kangangokuba akekho omnye owagrogriswa kangako. Kwaye inene ndaviswa kabuhlungu endleleni ka-Allah akekho omnye owaviswa kabuhlungu kangako. Iintsuku ezingamashumi amathathu nobusuku obungamashumi amathathu bagqitha kum noBilaal ngaphandle kokutya, ngaphandle nje kwentwanana eyayifihlwe phantsi kwekhwapha likaBilaal." *(Tirmidhi)*

45. **U-Abdullah Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam nezizalwana zakhe kwakugqitha iintsuku ngaphandle kokutya. Usapho lwakhe lwlungenanto yokutya ebusuku, ukuktya kwabo kwarhoqo yoyisisonko serhasi." *(Tirmidhi)*

46. **U-Aishah** radhiallahu anha uchaza ukuba kwade yabalixesha lokusweleka kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, usapho lwakhe azange babenesonka serhasi esibonelayo iintsuku ezimbini ezilandelelanayo." *(Muslim)*

47. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uFatimah radhiallahu anha wanika uNabi sallallahu alayhi wasallam isonka serhasi. Wathi, "Le yinto etyiwayo yokuqala utata wakho ayifumanayo kwiintsuku ezintathu." Kwenye inkcazelo kuthiwa wathi, "Yintoni le?" Yena (uFatimah radhiallahu anha) wathi, "Bendibhake isonka, andifunanga ukusitya ngaphandle kwakho." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma uz Zawaaid)*

48. **U-Sahl Ibn Sa'd As Saidi** radhiallahu anhu uchaza ukuba sasikunye noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwimfazwe yomsele (imfazwe yeKhandaq), yena wayegrumba umsele thina sikhupha umhlaba. Wasiqwalasela wathi, "Hini na Allah! Ubomi (bokwenyani) bubom bexesha elizayo; Xolela ama-Ansar (abo bazinzalelwane zaseMadinah) ne Muhajireen (abafuduki)." *(Bukhari)*

49. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wambamba emagxeni (ukubonisa ukubaluleka kwento awayefuna ukumxelela yona) wathi, "Hlala ehlabathini njengomntu wasemzini okanye umhambi." *(Bukhari)*

50. **U-Amr Ibn Auf** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ndiyafunga ngo-Allah, andinoyikiseli kwintlupheko, koko ndinoyikisela ukuba ninikwe izinto ezininzi zelihlabathi, njengokuba babezinikiwe abangaphambili kunani, kunye nokuba nikhuphisane ekufumaneni ezo zinto zelihlabathi, ziyakunenza nilibale njengokuba zabenza balibala nabo." *(Bukhari)*

51. **U-Sahl Ibn Sa'd** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ukuba eli hlabathi belixabisa iphiko lengcongconi, u-Allah abo bangakholwayo ngengabanikanga nethontsi (eli) lamanzi." *(Tirmidhi)*

52. U-Urwah rahimahullah uchaza ukuba **u-Aishah** radhiallahu anha wayedla ngokuthi, "Ndiyafunga ngo-Allah, Hini na nyana kadade wethu! Sasidla ngokubona inyanga entsha, emva koko sibone inyanga elandelayo kwakhona sibone inyanga yesithathu; njalo kwakuqenqgeleka iinyanga ezintathu ezimbini zilandelelana kodwa lonke elo xesha azange kubaswe mlilo ezindlwini zika-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam." U-Urwah radhiallahu anhu wathi, "Hini na Dabawo! Isixhaso (ukutya kwabo) yayiyintoni?" Waphendula wathi yayi zizinto ezimbini ezimnyama, iDates kunye namanzi." *(Muslim)*

53. **U-Aishah** radhiallahu anha uchaza ukuba, Ndeva esithi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallami, "Xa uthuli lwasendleleni ka-Allah luwela emzimbeni weMuslim, u-Allah uyakuwuthintela umlilo wesiHogo kuye." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma uz Zawaaid)*

54. **U-Abu Abs** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Nawuphi lowo iinyawu zakhe zithi zifumane uthuli endleleni ka-Allah, u-Allah uyakuwuthintela umlilo wesiHogo ezinyaweni zakhe." *(Musnad Ahmad)*

55. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Uthuli lwasendleleni ka-Allah kunye nomsi wasesiHogweni asokuze zidibane esiswini sesicaka sika-Allah, ngokunjalo uvimba kunye ne-Imaan egqibeleleyo asokuze zidibane entliziyweni yesicaka sika-Allah." *(Nasai)*

56. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Uthuli lwasendleleni ka-Allah kunye nomsi wasesiHogweni asokuze zidibane emathatheni eMuslim.” *(Nasai)*

57. **U-Abu Umamah Al Bahili** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nawuphi lowo ubuso bakhe bugcwala uthuli endleleni ka-Allah, u-Allah uzabukhusela ubuso bakhe emlilweni wesiHogweni ngemini yovuko. Kwaye lowo iinyawo zakhe zifumana uthuli endleleni ka-Allah, u-Allah uzakuzikhusela iinyawo zakhe kumlilo wesiHogo ngemini yovuko.” *(Baihaqi)*

58. **U-Uthman Ibn Affan** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Usuku olunye oluchithwe endleleni ka-Allah lungcono kuneentsuku eziliwaka ngaphandle kwelo suku (uluchithe endleleni ka-Allah).” *(Nasai)*

59. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Uchitha imini okanye ubusuku endleleni ka-Allah kungcono kunehlabathi nazo zonke izinto ezikulo.” *(Bukhari)*

60. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi ahambe ngorhatya endleleni ka-Allah uzakuvuzwa ngeMusk ngemini yomgwebo, elingana nothuli oluthe lahlala emzimbeni wakhe.” *(Ibn Majah)*

61. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba elinye iSahabi likaNabi sallalllahu alayhi wasallam lathi lagqitha entlanjeni ethile kuyo kukho umthombo wamanzi. Elo Sahabi layithanda kakhulu lo ntlambo kuba yayintle lathi, “Ndingathanda ukuzikhwebula ebantwini ndizokuhlala kule ntlambo. Kodwa andisayi kwenza njalo ngaphandle kokuba uRasoolullah

sallalllahu alayhi wasallam undinika imvume (yokwenza oko). Wachazela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam umnqweno wakhe." Yena wathi, "Musa ukwenza njalo kuba ukuma kwenu endleleni ka-Allah, umzuzwana nje kunomvuzo ongaphezulu kunokuba uthandaze umthandazo iminyaka engamashumi asixhenxe endlwini yakhe. Ingaba anikuthandi na ukuba izono zenu zixolelwe kwaye ningeniswe eParadesi? Hambani niye kwiJihaad endleleni ka-Allah. Yena lowo uthi alwe endleleni ka-Allah nokuba ngumzuzwana olingana nokuthi xha usenga imazi yenkamela, naye uqinisekisiwe ngokufumana iParadesi." *(Tirmidhi)*

62. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo uthi afunyanwe yintloko ebuhlungu esendleleni ka-Allah kodwa abenethemba lokuvuzwa ngoko, zonke izono zakhe ezagqithayo ziyakuxolelwa." *(Tirmidhi)*

63. **U-Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam kwiHadith Qudsi uchaza ukuba iNkosi yakhe Tabaaraka wa Ta'ala Yathi, "Nasiphi na isicaka kwizicaka Zam esiphuma njengeMujahid endleleni yam kuba sifuna ukukholisa mna, Ndiyasiqinisekisa ukuba inene sizakubuya nomvuzo kunye nezinto ezithinjwe kutshaba okanye ukuba Ndithe umphefumlo waso ndawubizela kum, ndizakuzixolela izono zaso, ndisisikelele ndisithumele eParadesi." *(Musnad Ibn Hambal)*

64. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "U-Allah uyaqinisekisa ukuba lo mntu uya kwiJihad injongo ibe iyiJihad kuphela kwaye ekholelwa (ku-Allah) kwaye ebangqina abaThunywa bam, lo mntu ndimqinisekisa ngokumngenisa eParadesi okanye abuyele emzini wakhe nomvuzo kunye nokufumana izinto ezithinjwe kwintshaba. (Emva koko wathi) Ndiyafunga ngalowo ubomi buka Muhammad busezandleni zakhe, nawuphi na umntu othi onzakale

kwiJihad, ngemini yovuko uzakuvela namanxeba wakhe ematsha ngokungathi asanda kwenzeka namhlanje, umbala izakuba ngumbala wegazi kodwa lona ivumba izakuba ilivumba le musk. Ndiyafunga ngalowo ubomi buka Muhammad busezandleni zakhe, ukuba bekungazoba nzima kumaMuslim bendingazokusala kuyo yonke imfazwe eyenzekayo. Kodwa kuba ndingenazo iimpiko zokubaxhasa bonke (khona ukuze kuyiwe emfazweni) ngezinto zokuhamba kwaye namanye amaMuslim akakwazi ukubaxhasa ukuba baye emfazweni. Lonto iyakwenza kubenzima ukuba bavume ukusheka emfazweni, xa mna ndisiya (rhoqo). Ndiyafunga ngalowo ubomi bukaMuhammad busezandleni zaKhe. Ndithanda ukuba ndilwe endleleni ka-Allah ndide ndibe yiShaheed, (emva koko u-Allah andinike obunye ubom) emva ndiyokulwa kwakhona ndide ndibe yiShaheed, (kwakhona ndifumane obunye ubom) ndiyokulwa endleleni ka-Allah ndide ndibe yiShaheed." *(Bukhari)*

65. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Xa nithe nazinikezela ngokupheleleyo kurhwebo, nithumele iinkabi zeenkomo zenu ekulimeni, kwaye noneliseke lulimo lwenu, niyeke ukwenza iJihad, u-Allah uzakunenza nihlazeke. Kwaye olohlazeko alusayi kususwa kuni nide nibuyele kwi Deeni (kukaquka neJihad) yenu." *(Abu Dawood)*

66. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo uyakuthi adibane no-Allah ngaphandle kwesiva seJihad, uzakudibana no-Allah enesipheme." *(Tirmidhi)*

67. **U-Suhail** radhiallahu anhu uthi, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Ukuma nje ixeshana elifutshane endleleni ka-Allah, kungcono kunazo zonke izenzo ezihle zobom bakho ngelithuba uhleli nosapho lwakho." *(Mustadrak Hakim)*

68. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathumela u-Abdullah Ibn Rawaha radhiallahu anhu nebutho kwimfazwe ngoLwesihlanu. Amaqabane wakhe ahamba kusasa. Kodwa yena waya washiyeka ngasemva kuba efuna ukuthandaza noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kodwa ezakuhlangana nabanye emva koko. Emva kokuthandaza noNabi sallallahu alayhi wasallam, uNabi sallallahu alayhi wasallam waya wambona. Wambuza ukuba kutheni ungahambanga kusasa namaqabane wakho? Yena waphendula wathi. Bendinenjongo yokuba ndithandaze umthandazo weJuma kunye nawe emva koko ndiyokudibana nawo. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nokuba unokuchitha konke okusehlabathini, asokuze ukwazi ukufumana umvuzo ofana nabo bahambe kusasa.” *(Tirmidhi)*

69. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayalela iqela labantu ukuba liye endleleni ka-Allah. Labuza (elo qela), “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ingaba sihambe namhlanje ebusuku okanye sihlale kude kube kusasa?” Yena wathi, “Ingaba anifuni na ukuchitha obubusuku komnye umyezo kwimiyezo yaseParadesi.” *(Sunan Kubra)*

70. **U-Ibn Masood** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yabuza uNabi sallallahu alayhin wasallam yathi, “Zeziphi ezona zenzo zingcono?” Yena waphendula wathi, “Kukuthandaza umthandazo ngexesha lawo, ukuba nobubele kubazali, kunye nokulwa endleleni ka-Allah.” *(Bukhari)*

71. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Bathathu abantu abaphantsi kokhuseleko luka-Allah. Ukuba basaphila uyabondla kwaye uyabajonga, kanti ukuba baswelekile, u-Allah uzakubathumela eParadesi. 1. Lowo uthi xa engena endlwini yakhe uyabulisa (wenza iSalaam), lowo uphantsi kokhuseleko luka-Allah. 2.

Lowo uya- emasjid, naye uphantsi kokhuseleko luka-Allah. 3. Lowo uya endleleni ka-Allah (jihad), naye uphantsi kokhuseleko luka-Allah." *(Ibn Majah)*

72. **U-Humaid Ibn Hilaal** radhiallahu anhu uchaza ukuba kwakukho indoda yaseTawafah indlela eya khona yayinqumla kuthi. Yayidla ngokuza kuhlanga lwethu (xa ihamba) isibalisele nge-Ahadith. Yathi yasixelela ukuba, Ngenye imini yathi yaya eMadinah nenqwelo yorhwebo. Bazithengisa izinto ababezithengisa, emva koko ndaya ndacinga ukuba kufuneka ndiye kula ndoda (uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam), ndifuna ukwazi malunga naye khona ukuze ndizokuxelela uhlanga lwam. Xa ndandidibana noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wandibonisa indlu ethile, wathi, "Kulandlu kukho inkosikazi eyathi yaphuma neqela lamaMuslim ukuya endleleni ka-Allah. Lashiya ngasemva iibhokhwe ezilishumi elinambini kunye nesixhobo sokwaluka eyayisoluka amalaphu ngawo. Kwalahleka ibhokhwe enye kunye nesosixhobo sokuluka." Le nkosikazi yathandaza yathi, "Hini na Nkosi yam! Inene Uqinisekisile ngokhuseleko kulowo usendleleni yaKho." Kodwa mna ndilahlekelwe yibhokhwe yam kunye nesixhobo sam sokuluka. Ndiyakucela malunga nebhokhwe yam kunye nesixhobo sam sokuluka. Ndiyakucela (ukuba Ubuyise) ibhokhwe yam nesixhobo sokuthunga. Umchazi (wale Hadith) uthi, uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wachaza indlela enobuchule ngayo, indlela eyathi yacela ngayo le nkosikazi kwi-Nkosi Tabaarakallah waTa'ala. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lo nkosikazi yayifumana ibhokhwe yayo kunye nenye ibhokhwe kunye nesixhobo sayo sokuluka kunye nesinye isixhobo sokuluka esifanayo neso sayo (zivela kubutyebi buka-Allah) Nankuya (loo nkosikazi)! Hamba uyokumbuza ukuba uyafuna." Lo ndoda yase Tufawi yaphendula yathi. "Hayi. Ndiyakungqina oko ukuthethayo." *(Musnad Ahmad, Majma uz Zawaid)*

73. **U-Ubaadah Ibn Saamit** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Yenzani iJihad endleleni ka-Allah, kuba iyenye yeengcango zaseParadesi. Ngenxa yayo u-Allah ususa ixhala nosizi. Abanye bongezelele kule Hadith: Yenzani iJihaad kude nakufutshane kwaye nimise imithetho ka-Allah kufutshane nakude ebantwini, izigxeko zabagxeki zinganityhafisi kwizinto ezimalunga no-Allah.” *(Mustadrak Hakim)*

74. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yabuza, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndicela undivumele ukuba ndibe ngumkhenkethi.” UNabi sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi, “Ukhenketho lwe Ummah yam kukwenza imigudu endleleni ka-Allah Azza-waJall.” *(Abu Dawood)*

75. **U-Fadhalah Ibn Ubaid** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Isenzo esisondeza umntu kufutshane no-Allah kukwenza imigudu endleleni ka-Allah. Akukho senzo sihle esinokuba ngcono kunokwenza iJihad khona ukuze usondele ku-Allah.” *(Bukhari, Jaami us Sagheer)*

76. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabuzwa ukuba, “Ngowuphi oyena mntu ungcono kubo bonke abantu?” Yena waphendula wathi, “Yilo ndoda ilwa endleleni ka-Allah.” AmaSahaba abuza, “Ngubani emva kwalowo?” Yena waphendula wathi, “Lelo kholwa lihlala kwenye yeentlambo kwaye loyika iNkosi yalo, kwaye nabantu bakhuselekile kubugwenxa bakhe.” *(Tirmidhi)*

77. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wabuzwa ukuba, “Leliphi elona kholwa lingcono kubo bonke abantu?” Yena waphendula wathi,

"Yindoda elwa endleleni ka-Allah ngobomi bayo nangobutyebi bayo kunye nendoda enqula u-Allah emazantsi weentaba kuba (efuna) ukusindisa abantu kubugwenxa bakhe." *(Abu Dawood)*

78. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba; Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Ukuba sendleleni ka-Allah ithutyana, kungcono kunokunqula ngobusuku be-Al-Qadr phamnbi kweHajril-Aswad." *(Ibn Hibban)*

79. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, "UMprofethi ngamnye unendlela athi abonise ngayo ukunyevulela yonke into yeli hlabathi abonise ukuzinikezela umphefumlo ngokwasemoyeni. Ukunyevulela yonke into yasemhlabeni nokunikela ngomphefumlo ngokwasemoyeni kubalandeli bam kukwenza iJihad endleleni ka-Allah Azza wa Jalla." *(Musnad Ahmad)*

80. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Umzekeliso weMujahid endleleni ka-Allah –u-Allah nguye owazi ngcono ukuba ngubani na oyena mntu ulwa (ngokunyanisekileyo) endleleni yakhe, ufana nomntu ohlala ezila ukutya (Emini) kanti uyanqula ebusuku ngenxa yokoyika u-Allah, uyazinikezela ngokupheleleyo, uyaqubuda kwaye uwa ngobuso phantsi." *(Nasai)*

81. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Umzekeliso we Mujahid endleleni ka-Allah ufana nomntu ozila ukutya, ochitha ubusuku ecengceleza iQuran emthandazweni, kwaye ayikuyeki uzila ukutya nokunikezela iSadaqa ide ibe lo Mujahid ibuyela kwizizalwana zayo." *(Ibn Hibban)*

82. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ngalo lonke ixesha ubizelwa endleleni ka-Allah; kufuneka uye.” *(Ibn Majah)*

83. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Hini na Abu Saeed! Nawuphi na lowo uvuyayo kukuba u-Allah yi-Nkosi yakhe nokuba i-Islam yinkolo yakhe kwanokuba uMuhammad sallallahu alayhi wasallam ngumProfethi iParadesi izakuba yeyakhe.” U-Abu Saeed radhiallahu anhu wakuthanda ukuva oko, wathi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndicela undiphindele (lo mazwi uwathethileyo).” Wamphindela wakugqiba wathi, “Kanti ikhona enye into ekhuphula inqanaba lo mntu eParadesi ngokwa manqanaba alikhulu-isikhewu phakathi kwalo manqanaba sifana nomgama ophakathi kwamazulu nomhlaba.” Abu Saeed radhiallahu anhu wabuza, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Yintoni na leyo?” Yena waphendula wathi, “Kukuzigcina uxakekile endleleni ka-Allah, kukuzigcina uxakekile endleleni ka-Allah.” *(Muslim)*

84. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba indoda ethile yathi yasweleka eMadina, yayiyinzalelwane yase Madinah. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wenza umthandazo wayo womngcawabo, emva koko wathi, “Ngelishwa! Ngekungcono ukuba ebeswelekele kwenye indawo ngaphandle kwalendawo ayinzalelwane yayo!” AmaSahaba athi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Kutheni kunjalo?” Yena waphendula wathi, “Xa umntu esweleka ngaphandle kwendawo azelelwe kuyo, unikwa indawo eParadesi ngokuthi kubalwe umgama ukusukela kwindawo azalelwe kuyo uyokutsho apho aswelekele khona.” *(Nasai)*

85. **U-Abu Qirsafah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Hini na Bantu! Fudukani kwaye nibambelele kwi-Islam kuba imfuduko iyakuhlala ikhona

ngalo lonke ixesha nayo iJihad iyakuhlala ikhona." *(Tabarani, Majma uz Zawaid)*

86. **U-Muawiya, Abdur Rahman Ibn Auf kunye no Abdullah Ibn Amr Ibn Aas** radhiallahu anhum bachaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Imfuduko izindidi ezimbini. Udidi lokuqala kuba uyeke oko kungendawo. Udidi lwesibini kukuba ufudukele ku-Allah noMthunywa wakhe. Imfuduko ayisayi kuphela ngalo lonke elixesha ukuguqukela ku-Allah (Tawba) kusavumelekile; kanti ukomkelwa kwenguquko akusayi kuphela kude kube ilanga liphuma ngasentshona. Xa ilanga liphuma ngasentshona, iintliziyo zizakutywinwa, zonke izenzo zabantu ebebezenze ngaphambili ziyakuphelela apho." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma uz Zawaid)*

87. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yathi, "Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Yeyiphi eyona mfuduko ingcono (kunezinye)?" Yena waphendula wathi, "Kukulahla zonke ezo zinto zingathandwayo yiNkosi yakho Azza Wajalla." Kwakhona uRasoolulah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Imfuduko izindidi ezimbini: Imfuduko yabo bangabahlali basedolophini kunye nemfuduko yabo bahlala emaphandleni. Imfuduko yomhlali wasemaphandleni kukuba; Ngalo lonke ixesha ebizwa, uyeza kanti ngalo lonke ixesha enikwa umyalelo uyawuthobela. Imfuduko yomhlali wasedolophini kuyo uvavanyo lukhulu kwaye nomvuzo mkhulu." *(Nasai)*

88. **U-Wathilah Ibn Asqa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wandibuza, "Ingaba ufuna ukufuduka na?" Mna ndaphendula ndathi, "Ewe." Yena (sallallahu alayhi wasallam) wabuza, "Imfuduko eBaadiya (evumelekileyo) okanye imfuduko eBattah (elunyanzelo)?" Mna ndambuza ukuba yeyiphi (kwezo mfuduko zimbini) enomvuzo omninzi. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula

wathi, “Yilo mfuduko ilunyanzelo kwaye imfuduko elunyanzelo kukuba uhlale noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, kanti yona imfuduko evumelekileyo kukuba ubuyele apho uhlala khona uqinisekise ukuba uzibophelela ekumameleni i-Ameer kwaye uyithobele kwizinto ongahambisaniyo kunye nezo uhambisana nayo kuzo, ukuthanda ukwenza njalo okanye ungakuthandi nasekubeni ikhetha abanye abantu kunawe.” *(Tabarani, Majma uz Zawaid)*

89. **Abu Fatimah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Qhubekekani nifuduka (endleleni ka-Allah) kuba asikho isenzo esifana nako.” *(Nasai)*

90. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Owona mnikelo ungcono kukunikela ngentente khona ukuze abantu abasendleleni ka-Allah bazokuxhamla kumthunzi wayo, ukunikela ngesicaka endleleni ka-Allah okanye ukunikela ngenkamela endleleni ka-Allah.” *(Tirmidhi)*

91. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nawuphi na lowo ungazange athabathe nxaxheba kwiJihad okanye axhobise lowo uya kwiJihad; akhathalele izizalwana zalowo usendleleni ka-Allah, u-Allah uzamhlisela ngeshwangusha.” UMchazi wale Hadith nguYazid Ibni Rabb uthi elishwangusha azakuhliselwa lona lizakumehlela phambi kokuba kufike umgwebo. *(Abu Dawood)*

92. **Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathumela kwiBani Libyan umyalezo othi, “Kumadoda amabini indoda enye kufuneka iye endleleni ka-Allah.” Emva koko wathi kulawo asheke ngasemva, “Nawuphi na kuni oyakuthi onakekele kakuhle izizalwana kunye nezinto zabo baye endleleni ka-Allah, lo ndoda

iyakufumana isiqingatha salo mvuzo walo ndoda iphume endleleni ka-Allah.” *(Muslim)*

93. **U-Zaid ibn Khalid Al Juhani** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi ancede lowo uya kwiHajjokanye endleleni ka-Allah okanye onakekele izizalwana zakhe ngelithuba yena engekho okanye ancede lowo uzilileyo ukuba akwazi ukukhulula inzila yakhe, yena uyakufumana umvuzo ofanayo nalowo uye kwiHajj okanye oye endleleni ka-Allah, okanye owomntu ozilileyo ngaphandle kokuba kuthatyathwe kumvuzo wabo bonke abo benze oko.” *(Baihaqi)*

94. **U-Zaid ibn Thabit** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi axhobise lowo uya endleleni ka-Allah, yena uyakufumana umvuzo olinganayo (nalowo uya endleleni ka-Allah). Kanti lowo ukhathalela usapho lwalowo usendleleni ka-Allah ngelithuba engekho kwaye echitha imali kwiintsapho zabo, naye uyakufumana umvuzo olinganayo nabo.” *(Tabarani, Majma uz Zawaid)*

95. **U-Buraidah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Isidima samakhosikazi abo basendleleni ka-Allah kwabo basele ngasemva emakhaya, sifana nesidima umntu asinika umama wakhe. Ukuba umntu uthe wanikwa uxanduva lokunakekela usapho olunjalo kodwa yena alungcatshe. Kuzakuthiwa kuye ngemini yomgwebo, nantsiya la ndoda ibingcatshe usapho lwakho; kengoko thatha kuyo ngobuninzi izenzo zayo ezilungileyo ozinqwenelayo.” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam emva koko wathi, “Iingcinga zenu zithini kule meko (ingaba izakusalelwa na zizenzo ezilungileyo)?” *(Nasai)*

96. **U-Abu Masood Al Ansari** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yeza nemazi yenkamela kubotshelelwe intambo

kumsesane wempumlo yayo yathi, “Ndifuna ukunikezela ngayo endleleni ka-Allah.” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ngemini yomgwebo endaweni yale (nkamela) uzakuvuzwa ngeemazi zenkamela ezingamakhulu asixhenxe zonke zibotshelelwe ngeentambo kwimisesane yeempumlo zazo.” *(Muslim)*

97. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba umfana wohlanga lwama-Aslam wathi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndifuna ukuya emfazweni andinazo izixhobo zokwenza oko.” Yena wathi iya kumntu othile kuba yena ebesele ezixhobisile kodwa uye wagula.” Lo mfana waya kulo mntu wathi kuye, “URasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukuthumelele isalaam kwaye uthe mandithi kuwe ndinike zonke ezo zinto ubuzilungiselele ukuya ngazo emfazweni. Lo ndoda yathi kunkosikazi wayo (Nkosikazi)! Mnike zonke izinto ebendizilungiselele ukuya ngazo emfazweni ungashiyi nanye into kuzo. Ndiyafunga ngo-Allah! Musa ukugcina nanye into (kwezo bendazakuya ngazo emfazweni kuba azisayi kusikeleleka).” *(Muslim)*

98. **U-Zaid Ibn Thabit** radhiallahu anhu uchaza ukuba ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Lowo uthi anikezele ngehashe endleleni ka-Allah, eso senzo sakhe ngumqobo phakathi kwakhe nomlilo wesiHogo.” *(Abd Ibn Humaid, Musnad Jaami)*

99. **U-Aishah** radhiallahu anha unkosikazi ka-Nabi sallallahu alayhi wasallam uchaza ukuba waye wabuza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ingaba lilkhona na elinye usuku olwakhe lwanzima kuwe ukogqitha usuku lwemfazwe yase-Uhud?” Waphendula wathi, “Ndafumana okunzima kunoko ezandleni zabantu bakho. Olona suku lwaka lwanzima kuzo zonke yimini yase Aqabah (Taif). Ndaya ku-Abd Yaleel ibn Abdi Kalal ndimbizela kwi-

Islam, kodwa azange akuthabathe oko ndandimnika kona. Ndemka ndikhathazekile kakhulu kangangokuba iimpawu zoko zazibonakala ebusweni bam, azange ndifumane siqabu ndade ndayokufika eQarnThaalib (igama lendawo). Ndaphakamisa intloko ndabona ilifu phezu kwam. Ndakujonga kulo (kwelo lifu) ndabona uGabriyeli alayhi salaam kulo." Wandibiza wathi, "U-Allah inene ukuvile okuthethwe ngabantu bakho kuwe kunye nokukhaba kwabo oko ububanika kona. INgelosi ejongene neentaba ithunyelwe kuwe. Yiyalele ukuba yenze oko ukufunayo." INgelosi ejongene neentaba yamemeza yandibulisa ngeSalaam yathi, "Hini na Muhammad sallallahu alayhi wasallam! U-Allah ukuvile oko kuthethwe ngabantu bakho kuwe, mna ndiyingelosi ejongene neentaba, iNkosi yakho indithumele kuwe undiyalele emandikwenze. Ufuna ndenze ntoni? (Ukuba uyafuna) Ndingangqubanisa ezi ntaba zimbini phezu kwabo." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi, "Hayi, Ndinethemba lokuba kwinzala yabo kuzakubakho abo bayakumkhonza u-Allah Omnye, ngaphandle kokwenza omahlulelane naYe." *(Muslim)*

100. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba babeseluhambeni noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, kulapho sadibana khona nomhlali waselalini. Wathi wakusondela, uNabi sallallahu alayhi wasallam wambuza ukuba, "Uyaphi?" Yena (lo nolali) waphendula wathi, "Ndiya kusapho lwam." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ndingakuxelela na ngento engcono kunoko?" Yena (lo mhlali waselalini) wathi, "Yintoni (lonto)?" URasoolullah sallallahu wasallam waphendula wathi, Ngqina: *ash-hadu al-laa ilaaha il-lallah wah-dahu laa shaarika lah wa-an-na muhammadan abduhu warasooluh*. Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, Yena ungenaye umahlulelanekwaye ndiyangqina ukuba uMuhammad sisicaka nomThunywa ka-Allah." Yena (lo mhlali) wathi, "Ngubani ingqina loko ukuthethayo?" URasoolullah sallallahu alayhi

wasallam wathi, “(ingqina loko ndikuthethayo) ngulo mthi.” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wawubiza loo mthi wawukude entlanjeni. Lo mthi weza ngaphambi kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam udoncula iingcambu emhlabeni, wazokuma phambi kwakhe (sallallahu alayhi wasallam). URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wawuyalela ukuba unike ubungqina kathathu. Nawo umthi wenza njalo njengokuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam etshilo. Emva koko lo mthi wabuyela endaweni yawo. Lo ndoda yabuyela kuhlanga lwayo isithi, kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, “Ukuba abantu bam bayandilandela, ndizakubuyela kuwe nabo bonke, okanye mna ndizakubuya ndizokuhlala nawe.” *(Tabarani, Majma uz Zawaid)*

Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam hayi ngokumfanyekiswa.

Khuphela kwi ebook:
www.alhidayah.co.za/incwadi-malunga-ne-dawa/

Ipapashwe yi
AL HIDAYAH CENTRE
Eastern Cape

ISBN 978-0-7961-9135-9
9 780796 191359
DOWNLOAD EBOOK

041 492 2773
info@alhidayah.co.za
18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth
041 492 2773 https://wa.me/27414922773
www.alhidayah.co.za